



Edition 76
IsiXhosa, English

Family stories

Every family has stories to tell! Some of these stories might be ones that were told to you as a child. These could include: stories about imaginary or mythical characters that are passed down from generation to generation, stories about trickery or bravery, or stories that teach about the values of perseverance or forgiveness.

But there are other family stories too. These are the stories of the everyday experiences of members of your family now and in the past. It's the stories we tell when our children say to us, "Mom, tell me a story

about when you were little." Or it's the stories we tell at supper time about what happened to us as we were trying to reach a cereal box on the top shelf at the supermarket this morning. As we share these stories about our everyday lives, we build connections with our children – we allow them to know more about us.

But in addition to this, listening to our stories helps children learn how stories work. For example, they learn that stories have a beginning, a middle and an end, and they learn that the events in a story help it build up to a climax, which is the most exciting part of the story. Knowing how stories work, helps children when they are reading stories in books and writing their own stories!

As we talk about what happened to us today or long ago, we often include how we felt at the time, for example, "It was really, really dark and we were so

scared, but we kept walking towards the bathroom because we wanted to find out what the noise was." When we talk about how we felt in a situation, we give our children the language to talk about their own feelings. Being able to express how you feel, is something that helps children to feel confident about themselves.

Stories about real or imaginary people outside of our families, help children to connect with the wider world. The stories of our families are as unique as the people in our family! They are part of each family's history and they help children to know where they come from and who they are.

Visit www.nalibali.org and www.nalibali.mobi for more information and tips on storytelling!

Amabali osapho

Zonke iintsapho zinamabali eziwabaliso. Amanye ala mabali ingaba ngamabali owawuwabaliselwe nawe usengumntwana. La mabali angaquka: amabali angabalinganiswa abaphila kwilizwe lentelekelelo okanye kwilizwe leentsomi nadluliselwe kwizizukulwana ngezizukulwana, amabali angobuqhophololo okanye ubugorha, okanye amabali afundisa ngokubaluleka kokunyamezela okanye ukuxolela.

Kodwa akho kanaanjalo namanye amabali eentsapho. La ngamabali amava emihla ngemihla amalungu osapho lwakho, awangoku nawexesha eladlulayo. La ngamabali esiwabalisa xa abantwana bethu besithi, "Mama, khawundibalisele ibali langokuya wawusengumntwana." Okanye ngamabali esiwabalisa ngexesha lesidlo

sangokuhlwa malunga nokuye kwenzeka kuthi ngale ntsasa xa besizama ukufikelela ebhokisini yesiriyeli ebekwe kwishelufa epehuzulu evenkileni. Xa sisabelana ngala mabali angobomi bethu bemihla ngemihla, sakha ikhonkco elisihlanganisa nabantwana bethu – sibavumela ukuba bazi nangakumbi ngathi.

Kodwa ke ukongeza koku, ukumamela amabali ethu kunceda abantwana bafunde indlela amabali asebenza ngayo. Umzekelo, bafunda ukuba amabali anesiqalo, isiqu kunye nesiphelo, kwaye bafunda ukuba izehlo zebali zincipha ekuliqhubeleni kuvuthondaba, noluyindawo echulumancisa kakhulu ebalini. Ukwazi indlela asebenza ngayo amabali, kunceda abantwana xa bewafunda amabali ezincwadini naxa bebhala awabo amabali!

Xa sithetha ngokwenzeka kuthi namhlanje okanye kudala, sidla ngokuquka nendlela esaziva ngayo ngelo xesha, umzekelo, "Kwakumnyama ngenene kwaye sasisoyika kakhulu, kodwa saqhubeka nokuya

ngasegumbini lokuhlamba kuba sasifuna ukuqonda ukuba yayiyinxolo yantoni na leyo." Xa sithetha ngendlela esaziva ngayo kwimeko ethile, sinika abantwana ulwimi lokuthetha ngezabo iimvakalelo. Xa ukwazi ukuvakalisa nokuchaza indlela oziva ngayo, loo nto inceda abantwana ukuba bazive bezithembile.

Amabali angabantu bokwenene okanye abaphila kwilizwe lentelekelelo nabangengawo amalungu eentsapho zethu, anceda abantwana ukuze banxibelelane nehlabathi ngokubanzi. Amabali eentsapho zethu ohluke ngokukodwa kwaye akhetheke ngokufana nqwa nabantu abangamalungu eentsapho zethu! Ayinxalenye yembali yosapho ngalunye kwaye anceda abantwana bolo sapho ukuba bayazi imvelaphi yabo nokuba bangobani na.

Ndwendwela u-www.nalibali.org kunye no-www.nalibali.mobi ukuze ufumane iinkcukacha ezithe vetshe kunye neengcebiso ngokubaliswa kwamabali!



Enter our Heritage Day Family Stories competition and win a book hamper! See page 7 for details.

Ngenela ukhuphiswano lwethu lwamaBali eeNtsapho oSuku lwaMafa eMveli ukuze ube sethubeni lokuphumelela ihempa yeencwadi! Khangela iinkcukacha kwiphepha lesi-7.



Drive your imagination

Read to me. In my language.
Ndifundele. Ngolwimi lwam.





Nal'ibali news

During June, Nal'ibali ran an exciting campaign drive called #Just15Minutes. We asked parents and caregivers to show their commitment to developing their children's literacy during this Youth Month by pledging to read and tell stories with them for 15 minutes every day.

Iindaba zeNal'ibali

Kwinyanga yeSilimela, uNal'ibali waqhuba iphulo elichulumancisayo elibizwa ngokuba yi-#Just15Minutes. Sicele abazali kunye neempelesi ukuba babonakalise ukuzinikela kwabo ekuphuhliseni kwelitheresi yabantwana babo kule Nyanga yoLutsha ngokuzinikela ekufundeni nasekubaliseni amabali kunye nabantwana babo imizuzu eli-15 yonke imihla.



Criselda Kananda



Pippa Hudson

We got hundreds of pledges from parents and caregivers all over the country and a number of celebrity parents made pledges of their own. They included jazz-singer Judith Sephuma, comedian Rob van Vuuren, 567 Cape Talk presenter Pippa Hudson, author Lauren Beukes, storyteller and writer Gcina Mhlophe, and Metro FM host and TV presenter Criselda Kananda.

Members of Nal'ibali's on-the-ground team carried out surprise 15-minute storytellings in public spaces to make parents and families aware of the power of reading with their children every day. For example:

- In the Free State, Sithembiso Nhlapho and his team read aloud to parents and children at the MUCPP clinic at Phelindaba, saying, "This is the start of many things!"
- Rinae Sikhwari shared a surprise 15-minutes reading at the Polokwane City Library's Father's Day celebrations, where she encouraged parents to make their pledges. Rinae said, "The parents felt really encouraged by the drive and said that they felt challenged by the whole campaign. They said it motivated them to make time to read and tell their children stories!"
- In Uitenhage, Malusi Puwe held a surprise 15-minutes reading for the children of Langa informal settlement. "We asked parents to pledge and to turn this month-long journey into a daily habit!" he said.
- In Johannesburg, Bongani Godide shared the importance of sharing stories with parents at the Evaton North and Micheal Maponya clinics.

Safumana izithembiso ezingamakhulu-khulu ezivela kubazali neempelesi kulo lonke kwaye nabazali abangoosaziwayo nabo benza ezabo izithembiso. Abo ke baquka imvumi yejazz uJudith Sephuma, umonwabisi ohlekisayo uRob van Vuuren, umsasazi wesikhululo i-567 Cape Talk uPippa Hudson, umbhali uLauren Beukes, umbalisi-mabali kunye nombhali uGcina Mhlophe, kunye nomsasazi wesikhululo iMetro FM uCriselda Kananda.

Amalungu eqela elisebenza noluntu jikelele leNal'ibali aqhuba umsebenzi wemizuzu eli-15 wokufunda nokubaliswa kwamabali okungacetywanga kumaziko oluntu ukwenza abazali kunye neentsapho ukuba ziqonde amandla okufunda kunye nabantwana babo yonke imihla. Umzekelo:

- EFreyistata, uSithembiso Nhlapho kunye neqela lakhe abafundele ngokuvakalayo abantwana kwikliniki i-MUCPP kwaPhelindaba, uthe "Esi sisiqalo sezinto ezininzi ezintle!"
- URinae Sikhwari owabelane ngemizuzu eli-15 yokufunda okungacetywanga kumbhuyozo woSuku looTata obukwiThala leeNcwadi lesiXeko sasePolokwane, nalapho akhuthaze abazali ukuba bazinikezele ekufundeni nabantwana. URinae uthe, "Abazali baziva bekhuthazeke kakhulu leli phulo kwaye eli phulo xa lilonke lingumngeni kubo. Bathi libavuselele ukuba bazinike ixesha lokufundela nokubalisele abantwana babo amabali!"
- ETinarha, uMalusi Puwe ubambe imizuzu eli-15 yokufunda okungacetywanga, efundela abantwana basematyotombeni kwaLanga. "Sicele abazali ukuba bazinikele kwaye baguqule eli phulo lenyanga yonke ibe yinto eyenziwa imihla ngemihla!" utshilo.
- ERhawutini, uBongani Godide wabelene nabazali ngokubaluleka kokwabelana ngamabali kwikliniki yase-Evaton North kunye neyaseMichael Maponya.

Create your own cut-out-and-keep book

1. Take out pages 3 to 6 of this supplement.
2. Fold it in half along the black dotted line.
3. Fold it in half again.
4. Cut along the red dotted lines.

Zenzele eyakho incwadana onokuyisika-ze-uyigcine

1. Thatha iphepha lesi-3 ukuya kwelesi-6 kolu hlelo.
2. Wasonge phakathi kumgca wamachaphaza amnyama.
3. Phinda uwasonge phakathi.
4. Sika kwimigca yamachaphaza abomvu.




"Now what could that be?" asked Theo. No one answered. The cats dived for cover. "Don't worry," he said, "I'll go and see."

"Inokuba yintoni ke leyo ngoku?" wabuza uTheo. Akuzange kwabakho nomnye ophendulayo. Iikati zonke zabaleka zazimela. "Musani ukuyika," utshilo, "ndiza kuphuma ndiye kujonga."



"... kwaye ukuza kuthi ga ngoku," watsho uTheo ngelizwi elingqokolayo ekupheleni kwebali, "elo gongqongqo lisazulazula ezitalatweni unanamhla oku." Wayivala incwadi. Iikati zazisangcazela. Wathi xa kanye uTheo ezakuzikhumbuza ukuba libali nje kuphela eli, kwavakala isithonga, **ZO-MBAKRA!** kwakukho ingxolo evakala phandle.



"... and to this very day," said Theo in a deep voice at the end of the story, "the creature still walks the streets." He closed the book. The cats were still shuddering. Theo was about to remind them that it was just a story, when, **KERDOOF!** There was a noise outside.

Fold

"Isigantsontso sendoda sizithathe zonke iikati," latsho eli ntshontshwana. "Uye wazifaka ezinxoweni waze wazibopha wakugqiba waphuma ngomnyango ongasemva. Ezo ngxowa uzifake ngasemva evenini yakhe. Uthe angazithengisa iikati ezo afumane imali eninzi!"

Akuzange kubekho mpendulo. UTheo wagalisa ukukhangela kuwo onke amagumbi endlwini. Ekhithshini, wafumana intshontshwana lekati elalisoyika kakhulu lizisongile, lithe nca ekoneni. Iwamabhovu okanye umsila. "Kuyiwephi ngumntu wonke?" kwabuza uTheo.

"A big man took all the cats," she said. "He tied them in sacks and went out the back door. He put them in his van. He said he could sell cats for lots of money."

Theo went out the front door and looked up and down the street. There was nothing there. "It must have been the wind," he said and went back inside. There was nothing there either. Not a single cat, not even a sign of a whisker or tail. "Where is everyone?" asked Theo.



There was no answer. Theo started to search the rooms. In the kitchen, crouching in the corner, he found a very scared kitten.

Nal'ibali is a national reading-for-enjoyment campaign to spark children's potential through storytelling and reading. For more information, visit www.nalibali.org or www.nalibali.mobi

nalibali
It starts with a story...

UNal'ibali liphulo likazwelonke lokufundela ukozonwabisa nokuvuselela umdla ebantwaneni ngokubalisa amabali nokufunda. Ngeenkukacha ezithe vetshe, ndwendwela ku-www.nalibali.org okanye ku-www.nalibali.mobi

lapa
LITGEWERS

Wendy Hartmann
Joan Rankin

Drive your imagination

Fold

Phaya kwikhotheji yeeKati, iikati zava imidiyadaya, zalayita amakhandlela zaze zoya neentanzi lo gama uTheo aqalisa ukufunda. Yayilibali eloyikisa kakhulu elisihloko sthi, "Iingongqoqo eliphambeneyo"; Ezinye iikati zabamba zawaqinisa nkqi amasondo eengubo zazo, ezinye zabambana nkamalela luloyiko. Zazityhwyatyhwa zingangazela njengokuba uTheo efunda nje.



All the cats in town lived together in an enormous house called Cat Cottage, but not Theo.


Theo lived with his mother and his brother and sister right next to the library. He loved to read, and where he lived there were hundreds of books.

Lonke iikati edolophini zazihlala kunye endlwini enkulu ebizwa ngokuba yiKhotheji yeeKati, ngaphandle kukaTheo.

UTheo wayehlala nomama wakhe, umnakwabo kunye noodade wabo kanye ecaleni kwethala leencwadi. Wayekuthanda kakhulu ukufunda, kwaye apho wayehlala khona kwakukho amakhulu-khulu eencwadi.



"Hlala apha," watsho uTheo waza wabaleka waphuma phandle. Wayibona iveni sele iphuma esangweni. UTheo wabaleka ngamendu amakhulu kangangoko anako. Watsho ngowenkawu umtsi waza wathi gxididi phezu kophahla lweveni. Ngephanyazo, phakathi esitatweni wabona eyona nto yoyikekayo kunazo zonke awakhe wazibona ebomini bakhe. Yayinkulu kwaye imyama inempahla edlakadlaka neengalo ezinde. Iveni yaphapha, kodwa yaya kungqubeka egongqongweni. Ema koko yaya kuntlitheka elucingweni. Iingcango zeveni zavuleka genge kwaza kwawa iingxowa ezininzi kuyo.



"Stay here," said Theo and ran outside. He saw the van already driving out through the gate. Theo ran as fast as he could. He took a flying leap and landed on the van's roof. Suddenly, in the middle of the road he saw the most frightening thing he had ever seen in his life. It was big and black with tattered clothes and long arms. The van swerved, but it still bumped the monster. Then it crashed into the fence. The back doors flew open and out fell lots of sacks.



But not Theo. He stayed at the library. "Now, I wonder which story the burglar landed in," he said looking at a pile of books. And he sat down and started to read.

Kodwa uTheo yena zange agoduke. Wahlala apho kwithala leencwadi. "Ngoku, ndifuna ukwazi ukuba ingaba elaa sela lingene kweliphi ibali," watsho ejonge kwinqumbamba yeencwadi. Waye wahlala phantsi waqalisa ukufunda.



“Food!” screamed the monster.

“Sheila?” shouted Theo when he realised that the monster was, in fact, Mr Khumalo’s pig who lived in the field near Cat Cottage. “Let us out!” shrieked the cats in the sacks.

The burglar was terrified. He turned and ran down the road as fast as he could. Theo let the cats out of the sacks and Sheila tried to get out of the scarecrow clothes.

“Ukutya!” labhomboloza latsho igongqongqo.

“Sheila?” wakhwaza uTheo xa ebona ukuba eli gongqongqo, ngenene, yihagu kaMnumzana Khumalo eyayihlala ethafeni! elikufuphi nekhotheji yeeKati.

“Sivulele siphume!” zakhala zinxunguphele iikati ezingxoweni! Isela lalisoyika kakhulu. Lagquka laze lehla ngendlela libaleka kangangoko linakho. UTheo wazivulela iikati zaphuma ezingxoweni waza usheila naye wazama ukuzikhulula impahla kanomgogwana.



Back at Cat Cottage, the cats closed the curtains, lit candles and toasted sardines as Theo started to read. It was an awful story called “The Mad Monster”. Some of the cats grabbed their blankets, others grabbed each other. They shivered and shook as Theo read.



“Well, he’s gone,” said Sheila. “I’m going home.”

“Hayi ke, lithe shwaka,” watsho uSheila.

“Ndiyagoduka ngoku.”

“Our sardines!” said the cats. “We’re going home too. We’re starving.” One by one the cats turned, tails straight, noses in the air and went back to Cat Cottage to toast the rest of their sardines.

“Iintlanzi zethu!” zatsho iikati. “Siyagoduka nathi. Silambile.” Nganye nganye iikati zajika, imisila yazo imi nkqo, impumlo zijoya emoyeni zaze zagoduka ukuya kwiKhotheji yeeKati ukuya koja iintlanzi ezisaseleyo.



Theo went straight to the library and quickly started to search the shelves. He found a book called *Careers for Cats* and borrowed another one titled, *One Hundred and One Scary Stories*. The cats at Cat Cottage had begged him to read something really, REALLY scary and at last he had found it.

Utheo waya ngqo kwithala leencwadi waza wakhawuleza waqalisa ukukhangela kwishelufa yeencwadi. Wafumana incwadi esihloko sithi, *Careers for Cats* engamakhondo emisebenzi yeekati, waza waboleka nenye esihloko sithi, *One Hundred and One Scary Stories*, nengezinto ezoyikisayo. Iikati ezihlala kwikhotheji yeekati kwakukudala zimcela ukuba azifundele ibali eloyikisa KAKHULU, ngoko ke ude walfumana ekugqibeleni.



“The burglar’s getting away,” shouted Theo suddenly. “Chase the burglar into the library.” Down the road they went. Into the library went the burglar. In ran the cats and in ran Sheila. Granny Smit was in the library. She bumped a whole bookshelf of books that toppled right on top of the burglar.

“Nalo isela libaleka, liyasishiya,” zakhwaza iikati. Ngephanyazo uTheo wacinga icebo elikrelekrele. “Lisukeleni!” utshilo, “lide libalekele kwithala leencwadi.” Zalisukeela zisehla ngesitalato. Isela lathi tshwa kwithala leencwadi. Zangena iikati walandela nosheila. UMakhulu usmit wayekwithala leencwadi. Wagita ishelufa yonke yeencwadi yaza yawela phezu kwelo sela.

Fold

One day Theo’s mother asked him a question, “Theo, what do you want to be when you grow up?”

Theo was surprised. “I don’t know,” he said. “I will have to look in some books.”



Ngenye imini umama wakhe wambuza wenjenje, “Theo, ufuna ukuba yintoni xa ukhulile?”

Utheo kwamothusa oku. “Andazi,” watsho. “Kuzo kufuneka ndikhe ndikangele kwiincwadi ezithile.”

“AAAAHHH!” screamed the burglar. (So many books landed on him that he was squashed right into someone else’s story!)



“AAAAHHH!” lakhala isela. (Lawelwa ziincwadi ezininzi kangokuba zalityumzela apho laba yinxalenye yebali lomnye umntu!)

Fold



The Na'ibali bookshelf



Have you ever read any books by Roald Dahl? He is a world-famous author of children's books. He was born in Wales on 13 September 1916 and died on 23 November 1990. Although he wrote in English, his books have been translated into 34 languages and are read by children all over the world.

7 interesting facts about Roald Dahl

1. He kept a secret diary from when he was eight years old.
2. He wrote short stories for adults first before writing for children. He did not start writing for children until he had children of his own.
3. His first children's book, *James and the Giant Peach*, was only published when he was 45 years old!
4. His favourite colour was yellow and he loved the smell of bacon frying.
5. His favourite sweet treat was chocolate, but he didn't like chocolate cake or chocolate ice cream!
6. He wrote every story in pencil because he couldn't type – and he wrote on yellow paper!
7. He always kept an ideas book close by. In this he wrote down all his best ideas when he thought of them because he said that good ideas were like dreams – soon forgotten!

Some books by Roald Dahl

The BFG
Charlie and the Chocolate Factory
Charlie and the Great Glass Elevator
The Enormous Crocodile
The Twits
Matilda
George's Marvellous Medicine

At the moment, the only South African languages that Roald Dahl's books are available in are English and Afrikaans. Most libraries and bookshops have his books available.

Go to
 "Book Box" on
www.nalibali.org for a full list
 of Roald Dahl's books for you
 to enjoy.

Yiya kwicandelo elithi "Book Box" ku-
www.nalibali.org uze ufumane uluhlu
 olupheleleyo lwazo zonke iincwadi
 zikaRoald Dahl oya kuthi
 uzonwabele.



Ishelufa yeencwadi kaNa'ibali

Ingaba zikho iincwadi zikaRoald Dahl owakha wazifunda? Ngumbhali weencwadi zabantwana odume kulo lonke ihlabathi. Wazalelwa eWales ngomhla we-13 kweyoMsintsi we-1916 waza wasweleka ngomhla wama-23 kweyeNkanga we-1990. Nangona wayebhala ngesiNgesi, iincwadi zakhe ziguqulelwe kwiilwimi ezingama-34 kwaye zifundwa ngabantwana kulo lonke ihlabathi.

Nazi izinto ezisi-7 ezinomdla ngoRoald Dahl

1. Wayegcina idayari eyimfihlo esengumntwana ukususela eneminyaka esibhozo.
2. Wayebhalela abantu abadala amabali amafutshane phambi kokuba abhalele abantwana. Zange aqalise ukubhalela abantwana amabali de wanabakhe naye abantwana.
3. Incwadi yakhe yabantwana yokuqala esihloko sithi *James and the Giant Peach*, yapapashwa kuphela xa wayeneminyaka engama-45!
4. Owona mbala wayewuthanda utyheli kwaye wayelithanda ivumba lebacon xa iqhotswayo.
5. Eyona nto iswiti wayeyithanda yitshokoletshi, kodwa wayengayithandi ikeyiki okanye i-ayiskhrim yetshokoletshi!
6. Ibali ngalinye wayelibhala ngepensile kuba wayengakwazi ukuchwetheza – kwaye wayebhala kwiphepha elityheli!
7. Wayesoloko egcine kufutshane naye incwadana abhala kuyo iingcinga namanqaku. Wayezibhala apho kuyo zonke ezona ngcinga azibona njengezilungileyo kuba wayesithi iingcinga ezinkulu nezilungileyo zifana namaphupha – zilibaleka msinyane!

Ezinye zeencwadi ezibhalwe nguRoald Dahl

Okwangoku, eMzantsi Afrika iincwadi zikaRoald Dahl zifumaneka kuphela ngesiNgesi ne-Afrikaans. Amathala eencwadi amaninzi kunye neevenkile zeencwadi zinazo iincwadi zakhe.



Your family's story could win you a book hamper worth R1 000 AND could appear in the Na'ibali supplement for all our readers to enjoy.



Ibali losapho lwakho lingaphumelela ihempa yeencwadi exabisa i-R1 000 KWAYE linokupapashwa kuhlelo lweNa'ibali ukuze bonke abafundi bethu balonwabele.



WIN!

This Heritage Month, Na'ibali is calling on South Africans to revive and celebrate our rich culture of storytelling. Stories help nurture a sense of self-worth, connection and belonging among children and their parents or caregivers. And the best thing is, sharing stories is as natural to human beings as eating and sleeping! Some of the stories we tell today have been passed down from generation to generation, while others are new ones that we create ourselves.

Does your family have a funny story about relatives that everyone likes to hear at the dinner table again and again, or one that you've made up together? Is there a story you remember that a grandparent used to tell you as a child? Whatever your family story is, write it down or use your cellphone to record it for our Heritage Day Family Stories competition. Submit your written or recorded story to info@nalibali.org, or PRAESA, Suite 17-201, Building 17, Waverley Business Park, Wyecroft Road, Mowbray, 7700, Cape Town. Your family's story could win you a book hamper worth R1 000 AND could appear in the Na'ibali supplement for all our readers to enjoy. Closing date: 24 October 2014. We regret we cannot return your written stories or recordings, so please keep a copy!

PHUMELELA!

Kule Nyanga yaMafa eMveli, uNa'ibali uhlabisa ikhwelo kubo bonke abemi boMzantsi Afrika ukuba bavuselele kwaye babhiyozele inkcubeko etyebileyo yethu yokubalisa amabali. Amabali anceda ekukhuliseni ukuzixabisa, ukunxibelelana kunye nokuziva usekhaya ebantwaneni nakubazali babo okanye kwiimpelesi zabo. Kwaye ke eyona nto ilungileyo, kukuba ukwabelana ngamabali yinto ezenzekelayo ebantwini efana nqwa nokutya nokulala! Amanye amabali esiwabalisa namhlanje ngamabali adluliselwa ukusuka kwisizukulwana ukuya kwesinye, lo gama amanye aloo mabali ingamabali amatsha esiziqambela wona.

Ingaba usapho lwakho lunebali elihlekisayo elimalunga nezizalwana nelithanda ukusoloko limanyelwa ngumntu wonke ngexesha lesidlo sangokuhlwa, okanye ibali enilenze nonke nilusapho? Ingaba kukho ibali olikhumbulayo umakulu wakho awayedla ngokukubalisela lona usengumntwana? Nokuba lingantoni na ibali losapho lwakho, libhale phantsi okanye usebenzise iselula yakho ukulishicilela uze ungenele ngalo ukhuphiswano lwethu lwamaBali oSapho oSuku lwaMafa eMveli. Sithumelele ibali lakho elibhaliweyo okanye elishicilelweyo ku-info@nalibali.org, okanye ku-PRAESA, Suite 17-201, Building 17, Waverley Business Park, Wyecroft Road, Mowbray, 7700, Cape Town. Ibali losapho lwakho lingaphumelela ihempa yeencwadi exabisa i-R1 000 KWAYE linokupapashwa kuhlelo lweNa'ibali ukuze bonke abafundi bethu balonwabele. Umhla wokugqibela wokungenela ukhuphiswano ngowama-24 kweyeDwarha we-2014. Ngelishwa asikwazi kuwabuyisa amabali akho abhaliweyo okanye ashicilelweyo, ngoko ke siyakubongoza ukuba uzigcinele ikopi yebali lakho!

Story corner

Here is the first part of a story about a boy and his friends who worked together to make a go-kart. Enjoy reading it aloud or retelling it.

Lwazi and the go-kart (Part 1) By Helen Brain

One day Lwazi found an old push chair in the empty field near his home. It was broken, but it had four good wheels. He took them off and looked at them. "I wonder what I should make," he thought. "I know, I'll make a go-kart."

So off he went to the carpenter. "Please, Sir, do you have some old wood for me?"

The carpenter went to his wood pile and found Lwazi three old planks. "Here you are," he said. "Be careful now. Don't get a splinter."

Now Lwazi had four wheels and three planks, but he needed some rope.

So off he went to the harbour. There was Mr Smit, the fisherman, offloading snoek from his boat. "Mr Smit, do you have some old rope for me, please?"

"Here you are," said the fisherman. "Two metres. Be careful when you cut it. Don't cut your finger by mistake."

Now Lwazi had four wheels, three planks of wood and two metres of rope, but he needed some bolts.

So off he went to the mechanic at Granville's Garage. "Please, Sir, may I have some nuts and bolts?"

"Here you are," said the mechanic. "Be careful now. Don't hurt yourself when you drill the holes."

Now Lwazi had four wheels, three planks of wood, two metres of rope, and a handful of nuts and bolts. Off he went to his uncle's house. Uncle Rodney had a nice big yard, and Lwazi set to work.

All morning Lwazi sawed and hammered, and hammered and drilled, and drilled and sawed. When afternoon came he was very tired, but his go-kart wasn't finished. He still needed to sand it smooth so he didn't get a splinter.

Get your supplement next week and find out what Lwazi and his friends learn when they have their first ride in the go-kart!

Indawo yamabali

Nantsi inxalenye yokuqala yebali elimalunga nenkwenkwe nabahlobo bayo abasebenzisene bonke ukwenza inqwelwana engumatrayivethi. Yonwabela ukulifunda ngokuvakalayo okanye ulibalise kwakhona.

ULwazi kunye nomatrayivethi (Inxalenye 1) libhalwe nguHelen Brain

Ngenye imini uLwazi wachola isitulwana esinamavili kwihafa elalisecaleni kwekhaya lakhe. Sasophukile, kodwa amavili aso amane ayesasebenza. Wawakhupha waza wawaqwalaselisa. "Kazi yintoni endinokuyenza ngala mavili," wacinga. "Ndiyazi, ndiza kwenza umatrayivethi."

Ngoko ke wenjenjeya ukuya kumchweli. "Mhlekezi, ingaba unawo amaplangana amadala onokundipha wona?"

Umchweli waya kwinyanda yakhe yamaplanga waza wafumana amaplanga amathathu amadala wawanika uLwazi. "Ina nanga," watsho. "Ulumke ke kodwa. Ungahlatywa."

Ngoko ke uLwazi wayenamavili amane namaplanga amathathu, kodwa kwakufuneka efumene nentambo.

Ngoko ke wenjenjeya ukuya ezibukweni. Wahlangana noMnumzana Smit, umlobi owayesothula intlanzi engusnoek kwisikhitshane sakhe. "Mnumzana Smit, ingaba unayo intambo endala onokundipha yona?"

"Ina nantsi," watsho umlobi. "Inobude obuziimitha ezimbini. Uze ulumke ke xa uyiqhawula. Ungazisiki umnwe ngempazamo."

Ngoko ke uLwazi wayenamavili amane, amaplanga amathathu kunye nentambo eziimitha ezimbini, kodwa wayengenzazo izikhonkwane.

Ngoko ke wenjenjeya ukuya kumkhandi weemoto wegaraji iGranville. "Mhlekezi, ingaba unazo izikhonkwane ezinamawatshisi onokundipha zona?"

"Nazi," watsho umkhandi weemoto. "Ulumke ke kodwa. Ungazenzakalisi xa ubhora imingxuma."

Ngoko ke uLwazi wayenamavili amane, amaplanga amathathu, intambo eziimitha ezimbini kunye nesandla sonke sezikhonkwane ezinamawatshisi.

Wenjenjeya ukuya endlwini kamalume wakhe. UMalume uRodney wayeneyadi enkulu, waza ke uLwazi waqalisa ukusebenza.

Intsasa yonke uLwazi wasarha, wabethelela ngehamile, wabhora, wacanda, wasarha, walola. Kwathi kusiba semva kwemini wabe edinwe eyimfe, kodwa umatrayivethi wakhe wayengekawugqibi. Kwakusafuneka awugudise ngephepha elirhabaxa ukuze angahlatywa ziingceba zamaplanga.

Fumana uhlelo lwakho lweveki ezayo ukuze ufumanise ukuba ufunde ntoni uLwazi kunye nabahlobo bakhe xa bekwela umatrayivethi wabo okokuqala!



Illustration by Magriet Brink
Umfanekiso nguMagriet Brink

In your next Nal'ibali supplement:

- Gcina Mhlophe writes about stories, past and present
- A special Heritage Day cut-out-and-keep book by famous South African artist, Gerard Sekoto: *Shorty & Billy Boy*
- Collect the Nal'ibali characters: Dintle
- The final part of the Story Corner story, *Lwazi and the go-kart*

Did you know that Nal'ibali supplements come in a range of South African languages? Visit the "Supplements" section at www.nalibali.org to download the supplement in English-isiXhosa, English-isiZulu, English-Sesotho and English-Afrikaans.

Find us on Facebook: www.facebook.com/nalibaliSA
Sifumane ku-Facebook: www.facebook.com/nalibaliSA



Kuhlelo lwakho olulandelayo lweNal'ibali:

- UGcina Mhlophe ubhala ngamabali, awakudala nawanamhlanje
- Incwadana onokuyisika-ze-uyigcine ekhethekileyo yoSuku lwamaMafa eMveli ebhalwe ligcisa elaziwayo laseMzantsi Afrika, uGerard Sekoto esihloko sithi: *UBhaku noSipoti*
- Qokelela abalinganiswa beNal'ibali: uDintle
- Inxalenye yokugqibela yebali leNdawo yamaBali elisihloko sithi, *ULwazi kunye nomatrayivethi*.

Ubuzazi ukuba iintlelo zikaNal'ibali zifumaneka ngeelwimi ezohlukileyo zaseMzantsi Afrika? Ndwendwela icandelo elithi, "Supplements" ku-www.nalibali.org uzikopele uhlelo ngesiNgesi-nesiXhosa, isiNgesi-nesiZulu, isiNgesi-neSesotho kunye nesiNgesi-ne-Afrikaans.

